

Ukulungiselela Inguqu



Sabatha Emva Kwemini

Fundela Isifundo Sale Veki:

1 Kor. 10:1–13, Gen. 2:24, 1 Kor. 13:4–8, 1 Sam. 1:27, Ndumiso 71, 1 Kor. 15:24–26.

Indima Yenkumbulo:

Ubulungisa buya kuhamba phambi kwakhe, buwenze amanyathelo aKhe abe ngumendo wethu” (Ndumiso 85:13, NKJV).

Ubomi buzele zinguqu. Izinto ziguquka lonke ixesha. Into ekuphela kwayo engaguqukiyo bubukho benguqu ngokwayo. Inguqu, phofu, iyinxalenye yobukho bethu. Nemithetho yendalo ibonakala isifundisa ukuba inguqu ikho kwakwisiseko sokwakhiwa kobukho. Amaxesha amaninzi, iinguqu zibakho zingalindelekanga. Sihamba ngendlela ekuthi, ngequbuliso, ngelo xesha, yonke into iguquke, sizifumane sigaxelele kwimeko esingakhange sayicingela.

Kwelinye icala, ngamanye amaxesha siyazibona iinguqu zisiza. Silunyukiswa kwangaphambili, sibone imiqondiso, izinto ezenza sazi ukuba izinto azizokufana. Kuthi xa kusenzeka oku, bubulumko ukuqala ukulungiselela, nokuba kukangakanani oko kunokwenzeka, oko sikwazi ukukubona kuseza. Ezininzi kwezi nguquko zinkulu: umtshato, abantwana, ukuguga, nokufa. Kanti ke, asiphili sedwa [singamalolo]. Nto leyo ethetha ukuba, ngelo xesha, iinguqu ezisifikelayo ziyakwazi ukuba nempembelelo enkulu nakwiintsapho zethu. Kule veki, siza kuqwalasela ezinye zeenguqu ekuza kuthi kungekudala, ngandlela ithile, abanye bethu bajongane nazo, nendlela ezi nguqu ezinokuba negalelo ngayo kubomi bosapho lwethu.

**Funda Isifundo sale veki ukulungiselela iSabatha ka-Apreli 20.*

Ukungalindeli

Kukho into eyodwa ngeLizwi likaThixo: aligqithi nje phezulu kubunyaniso bobomi. Ngenye indlela, libuveza bukhohlakele bunjalo, maxa wambi, buyintlungu nokuphelelwa lithemba. Kanti ke, ngaphandle kwamaphepha nje ambalwa okuqala eBhayibhile nambalwa okugqibela, iLizwi likaThixo lizoba umfanekiso olusizi wohlanga loluntu. UPawulus wayengayibaxi xa wayebhala esithi: “kuba bonile bonke basilela eluzukweni lukaThixo” (Roma 3:23).

Funda: 1 Korinte 10:1–13. Zithini izilumkiso ezinikwe apha; zona izithembiso?

Ngeendlela ezininzi, izenzo zethu zikhohisa ukuba kukusabela kwinguqu. Sisoloko sijongene nenguqu; umngeni kuthi, singamaKristu, kukuzisebenza ngokholo, sithembele kuThixo sibonisa ukuba ngokholo nokuthobela, nokuba sesilingwa ukuba senze ngandlela yimbi. “Eyona ntswelo inkulu emhlabeni, yintswelo yamadoda; amadoda enganakuthengwa okanye athengiswe, amadoda, phakathi emphefumleni wawo anyaniseke kumsebenzi wawo njengosiba lwekhampasi olwalatha isiphelo somhlaba, angoyikiyo ukusibiza isono ngegama laso, amadoda athi ama nokuba kuwa amazulu.”—Ellen G. White, *Education*, p. 57. Loo mazwi ayeyinyaniso kuIsrayeli wakudala njengoko ayenjalo nangexesha likaEllen G. White, kwanjengoko anjalo nakuthi ngoku.

Ziimpazamo zini ezenziwa ngabantu kwezi ndima zilandelayo xa babejongene nenguqu, iyintoni esinokuyifunda kwiimpazamo zabo?

IZenzo:1–10

Gen. 16:1, 2, 5, 6

Mat. 20:20–22

Inguqu iyafika, kwaye ikholisa ukuza nezihendo, imingeni, maxa wambi, nokoyika. Ngoko ke, kubaluleke kakhulu ukuba sibe nesixhobo sikaMoya xa sisebenzana nazo ngendlela eyiyo. Kwakhona, nokuba inguqu ilindelekile okanye ziyinxalenye nje yohlobo oluqhelekileyo lobomi, sidinga ukuba sikulungele oko kuzakufika, okubonwayo nokungabonwayo.

Ukulungiselela Umtshato

Enye yezona nguqu zinkulu umntu ajongana nazo kuxa etshata. Phofu ke, asingumntu wonke otshatayo. Ngapha koko, uYesu, umzekelo wethu omkhulu, akazange watshata, ngokunjalo nabanye abaninzi eBhayibhileni. Noko ke, abantu abaninzi bayatshata, ngenxa yoko, iBhayibhile ayithanga cwaka ngomtshato, into eqinisekileyo ukuba inotshintsho olukhulu kakhulu ebomini. Ulungiselelo lwasekuhlaleni lokuqala olukhankanywe eBhayibhileni ngumtshato. KuThixo, umtshato ubaluleke kangangokuba, amazwi amanye awathethwa kuAdam noEva ngomtshato akho kwezinye izahluko ezithathu zesiBhalo. “Ngenxa yoko indoda yomshiya uyise nonina, inamathele kumkayo, babe nyama-nye ke” (Gen. 2:24; bona nakuMat. 19:5, Marko 10:7, Efese 5:31). Ezi ndima zisixelela ukuba, ngako nje ukuba umntu atshate, olona lwalamano lubaluleke kakhulu ebomini babo kumele ukuba lube phakathi kwabo bobabini, nangaphezu kwabo nabazali babo. Phakathi kwezizathu zokuba umtshato phakathi kwendoda nomfazi ube ubaluleke kakhulu kuThixo kungokuba ufuzisela ulwalamano olukhoyo phakathi koNyana waKhe, uYesu, nebandla, umtshakazi waKhe (Efese 5:32). Ekwakheni indlu, umntu udinga ukuma abale iindleka (Luka 14:28–30); kubeke phi xa eza kumisa ikhaya? Indlu yakhiwa ngezitena nodaka, imithi nentsimbi, iingcingo neglasi. Lona ikhaya lakhiwa ngezinto ezingadingi ukuba zibe ziyaphatheka.

Zeziphi ezinye iimpawu ezibalulekileyo ezifunekayo kuwo onke amabakala obomi kodwa abaluleke ngandlela eyodwa kwabo balungiselela ukutshata? 1 Kor. 13:4–8; Gal. 5:22, 23.

Ukulungiselela umtshato kufuneka kuqale ngathi ubuqu nomntu ngamnye. Kwangelo xesha linye, sidinga ukukhangela ngononophelo kwikamva leqabane lethu sibone ukuba lingaba yinxalenye yethu elungileyo na. Angaba ungumntu okhuthelweyo na? (IMiz. 24:30–34). Angaba unomoya omhle na? (IMiz. 22:24). Singaba sikholwa ngokufanayo na? (2 Kor. 6:14, 15). Usapho lwam nabahlobo bam bacinga ntoni ngekamva leqabane endilijongileyo? (IMiz. 11:14). Ingaba ndixhomekeke elukholweni okanye kwimvakalelo kuphela? (IMiz. 3:5, 6). Iimpendulo kule mibuzo inako ukuthetha ulonwabo kwixesha elizayo okanye usizi lobomi bonke.

Cinga ngeminye imithshato elungileyo. Ingaba yeyiphi eminye imithetho-siseko oyifumana apho enokusebenza nakwezinye iintlobo zolwalamano phakathi kwabantu?

Ukulungiselela Ubuzali

Zimbalwa izinto ezinokubuguqula ubomi bethu ngaphezu kokuzalwa komntwana. Ayikho into elusatsheni enokuhlala okanye eyakuze ihlale ifana kwakhona. “Njengeentolo esandleni segorha, banjalo oonyana bobutsha. Hayi uyolo lomfo ozalise umphongolo wakhe ngabo!” (Nd. 127:4, 5). Kwangelo xesha linye, abantwana abafiki bephethe incwadi yesikhokelo somnini exelela abazali konke abadinga ukukwenza ukubakhathalela nendlela yokufumana iinkathazo ezinokuthi zibekho. Nabona bazali banamava baye bakhutyekiswe zizenzo, amazwi, okanye iingqondo zabantwana. Sekubaluleke kunjalo ukulungiselela umtshato, kukwabalulekile nokuba abo banethemba lokuba ngabazali bawulungele loo mthwalo woyikeka kakhulu.

Nokuba ayengaqhelekanga kangakanani la mabali alandelayo angokuzalwa kwabantwana, yeyiphi imithetho-siseko abanokuyizusa kwezi ngxelo abo balungiselela ukuba ngabazali? 1 Sam. 1:27; Abagw.13:7; Luka 1:6, 13–17, 39–45, 46–55, 76–79.

Uxanduva nomthwalo omkhulu kangako ababanawo aba bazali! Abathathu babeza kuba ngabazali babaprofeti neenkokeli zakwaIsrayeli, omnye wabantwana babo wayeza kuba ngovakalisa ngoMesiya wesithembiso, aze omnye wabantwana abe nguKristu. Kanti ke, nokuba abantwana bethu abemiselwanga ukuba babe ngabaprofeti baseBhayibhileni, abazali kufuneka bayilungiselele le nguqu inkulu ebomini babo. “Kwaphambi kokuzalwa komntwana, ukulungiselela okuza kusenza sikwazi ukulwa amadabi nobubi ngempumelelo kufuneka kuqaliwe. “Ukuba uthe phambi kokuzalwa komntwana wakhe wangumntu oziyekela kuyo yonke into, ukuba unomona, akanamonde, unenkani, ezi mpawu ziya kubonakala ebomini bomntwana. Ngaloo ndlela abantwana abaninzi bazuze ilifa lemikhwa emibi esenokungoyiseki.” “Kwaphambi kokuba azalwe umntwana, kufuneka kuqalwe ukulungiselela okuya kulwa idabi nobubi ngempumelelo.”—Ellen G. White, *The Adventist Home*, p. 256.

Nokuba ngabantwana abaphantsi kwenkathalelo yethu, okanye mhlawumbi sinomthwalo wabanye abantu, zeziphi izinto esinokuzenza ukuwufeza loo mthwalo ngendlela enobuThixo kangangoko kunokwenzeka?

Ukulungiselela Ixsha Lobudala

“Imihla yeminyaka yethu iseminyakeni engamashumi asixhenxe; ukuba ithe yaba mininzi kakhulu, iba yiminyaka emashumi sibhozo, libe ke iqhayiya layo likukwaphuka nokungabi nto yanto, ngokuba ithe phe yakhawuleza, saphaphazela semka” (Nd. 90:10). La mazwi aphuma kuMoses asikhumbuza ngohambo lwexsha olungenanceba. Njengoko iminyaka ifika idlule, siqala sibone sive iinguqu emizimbeni yethu. Iinwele zijika zibe ngwevu okanye ziwe, siqale ukucotha, kufike iingqaqambo neentlungu ezihamba nathi yonke imihla. Ukuba sitshatile sinabantwana, abantwana bethu banokuba nababo abantwana, size ngoko sonwabele abazukulwana bethu. Amaxesha obomi adlulileyo asincede ukuba silungele elokugqibela.

Funda: INdumiso 71. Le ndumiso isifundisa ntoni ngokunganeli ukulungiselela ubudala nje bodwa, kodwa nobomi jikelele?

INdumiso 71 yindumiso yomntu osele ekhulile onemingeni eza nokukhula, kodwa owonwabileyo ngalo lonke ixsha ethembele kuThixo. Eyona ndlela intle yokuguga kukubeka ithemba lakho kuYe uselula. Ngamanye amazwi, umbhali wale ndumiso uthetha ngezifundo ezithathu ezibalulekileyo awazifunda ngexesha wayesinga kweli xesha lobomi bakhe.

1. Phuhlisa ukumazi kwakho ngokunzulu uThixo. Ukususela kubutsha bakhe (Nd. 71:17), uThixo wayeyindawo yokuzimela kwakhe eqinileyo (Nd. 71:1, 7) enguMhlanguli wakhe (Nd. 71:2). UThixo uliliwa nenqaba (Nd. 71:3), ithemba lakhe nenkoloseko yakhe (Nd. 71:5). Uthetha ngemisebenzi kaThixo yobugorha (Nd. 71:16, 17), ngokomelela nangamandla aKhe (Nd. 71:18), nangazo zonke izinto ezinkulu azenzileyo [uThixo] (Nd. 71:19). Ekugqibeleni udanduluka athi, “Thixo, ngubani na onjengawe?” (Nd. 71:19). Ezo ncoko zemihla ngemihla noThixo, njengoko sifunda iLizwi laKhe, sime sicinge ngako konke asenzela kona, ziya kuwakhulisa amava ethu naYe.

2. Phuhlisa imikhwa emihle. Ukutya okulungileyo, ukuzilongga, amanzi, ilanga, njl. Kuya kukunceda ukuba wonwabele ubomi obude nobungcono. Qaphela ngendlela eyodwa ukuba umdumisi ubhekisa kwimikhwa yokuthembela (Nd. 71:3), ukudumisa (Nd. 71:6), nethemba (Nd. 71:14).

3. Phuhlisa imvakalelo yomsebenzi kaThixo. Lo mntu kule ndumiso wayekhangele phambili ekuhlaleni angenzi nto ebudaleni. Kanti ke nasekuyekeni kwakhe ukusebenza wayefuna ukuqhubeka emdumisa uThixo (Nd. 71:8) nokubaxelela abanye ngaYe (Nd. 71:15–18).

Kwabo sebhulile, kuthini okuhle okufumaneka ngokuba mdala? Yintoni oyaziyo ngoku owawungayazi usemsha onokwabelana ngayo nabo basebatsha kunawe?

Ukulungiselela Ukufa

Ngaphandle kokuba siphila ekuBuyeni KweSibini, inye inguqu eyona inkulu kuzo zonke: ukuphuma ebomini ukuya ekufeni. Kunye nomtshato nokuzalwa, yeyiphi inguqu enkulu kunazo enegalelo elikhulu kusapho ngaphandle kokufa kwelungu losapho elisondele kakhulu?

Funda: 1 Korinte 15:24–26. Zisifundisa ntoni ezi ndima ngokufa?

Amaxesha amaninzi, phofu, ukufa kuza kungalindelekanga nangengozi. Mangaphi amadoda nabafazi, nabantwana, abavuka ngenye intsasa kube kanye, phambi kokutshona kwelanga, abathi bavale amehlo abo bengalali kodwa besifa? Okanye bavuke ngenye intsasa naphambi kokutshona kwelanga belahlekelwe lilungu losapho? Ngaphandle kokuqinisekisa ukuba sihlalene ngokholo neNkosi saba sigqunywe ngobulungisa baYo amaxesha onke (bona Roma 3:22), akukwazi ukulungiselela ukufa ongakuboniyo kusiza, nokuba kokwakho okanye omthandayo. Kwelinye icala, ungenza ntoni xa unokwazi ukuba uneenyanga ezimbalwa kuphela zokuphila? Asingeke sazi ngokuqinisekileyo ukuba ukufa kungasifikela nini, kodwa ngokuqinisekileyo sinako ukwazi xa sisondele ekupheleni kobomi bethu. Ngoko ke, kubalulekile ukuzilungiselela thina neentsapho zethu oko kuqinisekileyo.

Funda: 1 Kumkani 2:1–4, amanye amazwi okugqibela kaDavide awawathetha kunyana wakhe uSolomon. Zifundo zini esinokuzifumana koku kulungiselelwa kokufa, kuthi nakumalungu osapho?

Ngokuthi krwaqu nje, omnye angathi, Yintsomi! UDavide, owabulala u-Uriya akuba enze nzima inkosikazi yakhe akuba eyikrexezile (bona: 2 Samuel 11), uxelela unyana wakhe ukuba ahambe endleleni yeNkosi! Kwelinye icala, mhlawumbi kwakungenxa kanye yesi sono neziphumo zaso ezibi ezalandelayo le nto amazwi kaDavide ayenamandla kangaka. Ngokuqinisekileyo, ngendlela yakhe ethile wayezama ukulumkisa unyana wakhe ukuba abubaleke ubuyatha obamenza wabuhlungu kakhulu yena, Davide. UDavide wafunda, ngendlela enzima, izifundo ezinzima ngexabiso lesono, waza wathi, ngaphandle kwentandabuzo, wanethemba lokuba angamsindisa unyana wakhe kwezinye zeentlungu awaba nazo yena.

Ingcamango Eyongeziweyo:

Xa sifunda ibali likaSirayeli wakudala entlango, sibona ukrozo lwempazamo emva kwempazamo phambi kweenguqu ezinkulu, sekukho nentyilelo emangalisayo yothando namandla kaThixo. Kakuhle, phambi kokuba uSirayeli angene eZweni leDinga ekugqibeleni—aze aphinde akhangelane nenye inguqu enkulu—uMoses wathetha ngolu hlobo noSirayeli wakudala: “ ‘Amehlo enu akubonile oko wakwenzayo Yehova kuBhahalipehore; ngokuba bonke ababemlandela uBhahalipehore, uYehova uThixo wakho ubatshabalalisile phakathi kwakho. Ke nina nanamathelayo kuYehova uThixo wenu, nophila nonke namhla. Yabonani, ndinifundise imimiselo namasiko, njengoko ndawiselwa umthetho nguYehova uThixo wam, ukuze nenze ngokunjalo phakathi kwelizwe eningena kulo, ukuba nilime. Yigcineni ke niyenze; ngokuba oku bubulumko benu, nengqondo yenu, emehlweni abantu abaya kuyiva yonke le mimiselo; bathi, Olu hlanga lukhulu ngabantu abalumkileyo, abanengqondo bodwa. Ngokuba luluphi na uhlanga olukhulu, oluthixo usondeleyo kulo, njengoYehova uThixo wethu, ekumbizeni kwethu konke? Luluphi na uhlanga olukhulu olunemimiselo namasiko anobulungisa, njengalo myalelo wonke ndiwubekayo phambi kwenu namhla? Kodwa zigcine, uwugcine umphefumlo wakho kunene, hleze uzilibale izinto azibonileyo amehlo akho; hleze zimke entliziyweni yakho yonke imihla yokuphila kwakho. Uze uzazise oonyana bakho, noonyana boonyana bakho” (Dut. 4:3–9). Kubalulekile ukuba singakulibali oko iNkosi isenzele kona. Yeyiphi indlela engcono yokungakulibali ngaphezu kokukufundisa abanye nakwabo baza emva kwethu. Qaphela, ukuba sembindini kosapho kuko konke oku, ngale ndlela yokuba kufuneka kufundiswe ezi zinto kubantwana babo. Isono sasePehore sasiyinto eyayinokubutshabalalisa kuphela ubomi bosapho. “Ulwaphulo lomthetho olweza nezohlwayo zikaThixo kuSirayeli yayisesokuziyekela kumbulo. Ukubaphambili kwabafazi ekubambiseni imiphefumlo asizange siphatelele eBhahalipehore.” — Ellen G. White, *The Adventist Home*, p. 326.

Imibuzo Yokuxoxwa:

1. Eklasini, thethani ngokunye ukulungiselela enakwenzayo ekuhlenganeni nawuphi umgangatho omkhulu ebomini, umtshato, ubuzali, ubudala, nokuba yeyiphi enye into. Inguqu zaba nagalelo lithini kubomi bosapho lwenu? Yintoni enayifundayo enokunceda abanye abajongene nemigangatho efanayo?
2. Cingani ngamazwi kaDavide kuSolomon, kwakhona nicinge ngemeko yesono sakhe noBatsheba, intlekele eyenza kubekho ithunzi kulawulo oluseleyo lukaDavide kwaza kwanegalelo elikhulu lokubi kusapho lwakhe. Kungeziphi iindlela, phakathi kwako konke, esithi sibone ubukho bobabalo lukaThixo busebenza?